



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2015

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



Olu viwo lunamaphepha ali-13.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)
ICANDELO B: Isishwankathelo (10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (30)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala iCandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kweli phepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye ukuze umsebenzi wakho ungaxinani.
7. Qwalasela ngeliso elibukhali upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:
ICANDELO A: Imizuzu engama-50
ICANDELO B: Imizuzu engama-30
ICANDELO C: Imizuzu engama-40
9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A**UKUKHANYA KWEENKWENKWEZI**

- 1 Ilanga lalise lithe chapha ukuya kungena kwabo emotweni. Wathi akuhlala phantsi uNoziqhamo, zehla iinyembezi. UNtozintle wayemana ukuhlala umzuzwana adanduluke okomntu onesiphoso esithi, “ayikholeleki le nto!” Wayesithi akudinwa lolo hlobo atshintshe ngelokuthi “ndimdala ndingaka nje!” Aphinde kwayena atshintshe ngelithi, “sozuve!” Wayenza loo nto bada baya kugaleleka kwaNgalo. Intatheli yayingashiyekanga isisicokovana esihleli ngasemva apha emotweni, imana ishwantshwatha into engaviwa mntu, emzuzwini ithi gqokro inkoduso.
- 2 UNtozintle wankqonkqoza ngokwakhe emzini wegqwetha. Ucango lwavulwa nguNgalo ngokwakhe, wathi akuyiva inkcazelo kaNtozintle wasuka akabi sangena ngaphakathi wabheka emotweni. Wanqandwa nguNoziqhamo sele ekhwele engaziboni ukuba usanxibe iimpahla zokulala. IkwanguNoziqhamo owaveza into yokuba kusekusasa ukuba ijaji ingaba seofisini yayo ngelo xesha kuba zazisasukela intsimbi yesibhozo. Ijaji yayinokulindeleka eofisini yayo ngentsimbi yethoba ukuya kweyeshumi. Ixhala labo yayikukuba ngentsimbi yeshumi uBantu wayeza kuxhonywa. UNoziqhamo watsho ecebisa ukuba uNgalo ayitsalele umnxeba ijaji endlwini yayo, aphalaze udaba eza nalo. UNgalo wawutsala umnxeba, waxelelwa ukuba ijaji isaphumile, isaye kujoga ngokwentetho yezi mini. Wamqononondisisa owayesemnxebeni ukuba angakhe alinge aphosise, awuhambise umyalezo wokufa nokuphila. Watsho exela ukuba ngentsimbi yethoba uya kuba elinde eofisini yayo. Balifumana njalo ixesha lokuya kukhe bahlangane namanzi ooNoziqhamo. Intatheli ayizange izikhathaze nganto, yona yayilunge injalo.
- 3 Intsimbi yethoba yabetha kukudala belinde kwamhle kodwa yena engabonakali ndawo. Yathi yakuba ngumkhono emva kweyethoba wanexhala uNgalo. Umlingane wakhe uJolela wayeselekho, begungqa bobabini. Noziqhamo noNtozintle nabo babengakwazi ukuzinza, kuthi kwakuvakala umgqumo zijike iintloko zijonge kwelo cala. UNgalo wada wacela unobhala wejaji ukuba ayiqhagamshela, yathi yakufumaneka, isesemzini wayo weza elucingweni. Wayifumana ijaji ipholelwe ngamalanga, isithi ayikhange iwufumane umyalezo okhawuleze ngolo hlobo, kodwa iza kwenza unakho nakho ize kufika ngethuba. Yaya kufika eofisini yayo emva kwecala leyethoba, ayalibazisa yawa emcimbini. Emva kokuzanelisa ngobungqina obuphambi kwayo, yawa emnxebeni. Yadityaniswa neziphathamandla zakwaNjaziyaluma ngoko nangoko. Olu cingo lwatsalwa xa kanye uBantu wayeqonda ukuba ukufa kufikile, makazibike.

- 4 “Bawo uyandazi wena ...” akazange aligqibe yahlahlamba ifowuni phaya ngasemnyango. Umxhomi waba ngathi uyadukisa, yaphinda yatsho ngamandla ifowuni. Washixiza waya kuyiphakamisa, wamamela, wathi engathethanga, wabuya wayibeka phantsi ngesithukokazi esikhulu, waya esitulweni esinoBantu wachukumisa okuthile, sayeka ukungcangcazela isitulo awayehlaliswe kuso uBantu, kwaphela ukuduma, kwathi cwaka. UBantu wayemangalisiwe ukuba kwenzeka ntoni na. Umxhomi wamkhulula iinyawo nezandla, wasusa iqhiya emehlweni. Phambi kweenyawo zakhe kwakungqengqene ibhokisi mnyama ikhamisile. Umfo ongumxhomi owayesaxibe ngokoluya hlobo lokuqala, wayisunduza ngonyawo, waxelela uBantu ukuba asukume, wamalathisa umnyango. Wakrwaqula ixesha uBantu, wafika kanye iyintsimbi yeshumi, ilixa lokuxhonywa kwakhe. Waphuma ngomnyango esamangalisiwe ukuba kuqhubeka ntoni na.
- 5 UBantu waphuma kwigumbi lembandezelo waphinda indlela awayethelekelela ukuba wayeze ngayo. Into eyammangalisa ngakumbi kukuba angafakwa makhamandela, kungabikho nomntu wokumkhapha kunjalo nje. Wahamba ebethaka kwiminyangwana ngeminyangwana, wada waya kuthi gqi kwiofisi awayeqale kuyo. Yingxolo phofu eyamkhokelela apho. Wathi akungena kwathi cwaka. Wonke umntu osisiphathamandla wayelapho. Impi enkulu yasuke yaziintsalu, yathi ntalu ntalu ukuphuma ngeminyangwana imanzi ziintloni. Kwafane kwashiyeka umfo ekwakucaca ukuba mtsha, wamchazela konke akwaziyo. Waya kuphuma ngomnyango uBantu, wanqumla ibala lehlazo sekungasekho bambukeleyo. Wathi chu elandela indlela eya esangweni elikhulu. Ingxokozelo evela ngasesangweni wayiva engekaveli. Ukuvela kwakhe kwadizwa kukulenyeka kweekhamera emoyeni. Wakhawulelwa nguNgalo, uJolela, uNoziqhamo noNtozintle owayengazanga athethe koko ubuso bambathiswe luncumokazi. Baxhawulana ngobubelekazi obukhulu namagqwetha akhe nabanye ababeve ngeempukane eziluhlaza, bezokuzibonela ngokwabo kuba indaba yotyelo ayikholi. Wayekho nomalume wakhe owayeze ngokuza kuqinisekisa ukuba uxhonyiwe ukuze athathe isidumbu somtshana wakhe, koko wafikela kudaba olwabetha wakhohlwa.
- 6 UNoziqhamo wathi akusa isandla uBantu, wasuka waziphosa wonke, wamanga umzuzu ovisayo engenakunanyululwa mntu. Wazintywilisela kuBantu esifubeni, ephatha kuzityikila entanyeni nasebusweni eyinyhididi ziinyembezi zovuyo. Baya kungena ngasemva emotweni kaNtozintle kunzima ukwahlukana. Intatheli kwafuneka iyokukhwela ngaphambili yona, idedele uNoziqhamo noBantu.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi ‘Unyana womntu’ ebhalwe nguNcedile Saule, amaphepha 117–120, saza sahlelwa]


- 1.1 Ngubani owalilayo akuba esemotweni? (1)
- 1.2 Yintoni umsebenzi wentatheli? Xela ube mnye. (1)
- 1.3 Nika intsingiselo yale ntetho ingezantsi:
“emzuzwini ithi gqokro inkoduso” (2)

- 1.4 Wayeyintoni uNgalo ngokomsebenzi? (1)
- 1.5 Ngokwakwiscatshulwa sisiphi esi siganeko sihlasimlisa umzimba sasiza kwenzeka ngale mini? (1)
- 1.6 Safobe sini esisetyenziswe kwesi sivakalisi silandelayo?
“Awuhambise umyalezo wokufa nokuphila” (2)
- 1.7 **Yinyani** okanye **bubuxoki** ukuba ooNoziqhamo zange bahlambe ngale mini? Zixhase ngokucaphula apha kwiscatshulwa. (1)
- 1.8 Yintoni eyayibangela ukuba ingavakali into ethethwa yintatheli eyayikhwele nooNoziqhamo? (1)
- 1.9 Yintoni eyaphazamisa umxhomi emsebenzini wakhe awayesele ewuqalisile? (1)
- 1.10 Xa kusithiwa ‘washixiza waya kuyiphakamisa’ kuthethwa ukuba:
A wakhawuleza
B wacothoza
C wangxama
D waqhwalala (2)
- 1.11 Loluphi udaba awafikela kulo umalume kaBantu olwamenza waxakeka? (1)
- 1.12 Wamkelwa njani uBantu ukuvela kwakhe ngasesangweni? (1)
- 1.13 Xela intsingiselo yesi saci ngokwakwiscatshulwa:
“ababeve ngeempukane eziluhlaza” (2)
- 1.14 Yintoni eyayibangela ukuba iziphathamandla zibaleke zineentloni xa zibona uBantu engena kwiofisi ezazihleli kuyo? (2)
- 1.15 Cacisa intsingiselo evezwa ligama ‘**wazintywilisela**’ kwiscatshulwa, ube sele ulisebenzisa kwa eli gama kwisivakalisi apho liza kuveza intsingiselo eyahlukileyo kule ikwiscatshulwa
Wazintywilisela esifubeni kuBantu. (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.16 Phendula imibuzo esekwe kule mifanekiso ingezantsi:

UMFANEKISO A



[Uthatyathwe kwimagazini *iBona* kaDisemba 2012 iphepha lama-81]

UMFANEKISO B



[Uthatyathwe kwimagazini *iMove* yowe-22 Juni 2011, iphepha le-14]

- 1.16.1 Ingaba esi sibini **sikumfanekiso A** sonwabile? Zixhase (1)
- 1.16.2 Xa uyithelekisa le mifanekiso ingaba iyafana okanye yahlukile? Cacisa (2)
- 1.16.3 Chaza ukuba imifanekiso A no B inxulumanisa naziphi iziganeko ezithe zenzeka kwisicatshulwa A. (2)
- 1.16.4 Wena wakhe wazibona usenza le nto yenziwa ngulo mntu **ukumfanekiso B**? Kwakutheni? (2)
- 1.16.5 Bhala isivakalisi esibonisa isenzo esenzeka macala, omnye komnye usebenzisa **umfanekiso A**? (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2****ISICATSHULWA C**

- Funda ngocoselelo esi sicutshulwa singezantsi uze ushwankathele ngamazwi akho ungacaphuli kwitekisi.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70.
- Shwankathela **ngokomhlathi kuphela**. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli.
- Iingongoma zakho mazibe-7 (7)
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko. (3)

U-ENKOSI

- 1 Yayingekho into eyayixabiseke njengombulelo mandulo. Umbulelo lo ububaluleke ukususela emntwaneni, kumntu omdala de uye kuqhina kwizilwanyana zembali. Umbulelo yindlela ebonakalayo okanye evakalayo ethi ibonakaliswe de iphuhliswe ngubani ukutyhila iimvakalelo, iingcamango okanye iimbono zakhe kulowo othe wamenzela isenzo esithi sibangele incamisa-mxhelo kuye.
- 2 Unzima u-enkosi kumntu okhululwe engxakini, othi akuncedwa athi: “Wandiweza!” Abantu abaye bakhweliswe ezimotweni ngabantu beemoto, maxa wambi kuye kube nzima kubo ukuthi enkosi kuba umntu esithi akukho mfuneko yakuthi enkosi xa sele emhlawule nemali kakade. Abanye bade bayenze ibe sisinyanzelo ukukhweliswa emotweni yomntu ingabi siso nesicelo. Bakungakhweliswa ufumanise ukuba ilizwe lifile, kuthethwe iilwimi ngeelwimi ngabantwana babantu. Ekuhlaleni kwabantu abameleneyo apho athi ummelwane esenza okuhle kummelwane wakhe, emjongela umzi wakhe xa engekho, ejonga abantwana, nayo yonke into efana nemfuyo yasekhaya nezinye izinto ezinokubiwa ngamasela ebonisa ubuntu nesintu, asuke yena ummelwane athi ukubuya kwakhe athule athi tu. Uya kuthi sele ebona nemfuyo yakhe ukuba ibikhathalelekile, angabi satsho ukuthi: “Enkosi Mmelwane.”
- 3 Unzima u-enkosi kwinkedama ehlangulwe entlungwini. Uye athi umntu onemfobe akuyithatha ayambese, ayinike ukudla, ayifundise ide iphumelele zonke izifundo zayo, kodwa isuke ibe lolona tshaba lwakhe lokuqala nolokugqibela endaweni yokuba ibonakalise umbulelo wayo. Ngelo xesha lo Msamariya okanye Msamariyakazi uncame izinto zakhe ezinamagama elungiselela loo mpula-kalujaca ukuze ingahleleleki ebantwini.

- 4 Xa ke umbulelo unzima ebantwini unokuba unjani ezilwanyaneni, zona zingakwaziyo ukuthetha? Masithatheinja le uyinika ukutya yonke imihla. Ide ibe nesitya sayo sokutyela oku kutya kuthengwayo. Kodwa maxa wambi iyakwazi ukuthi yakukhululwa entanjeni ize igaba kuwe, ikuvungamele, igragrama wakuyigxotha kuba kaloku ilibele ukuba ngula mniki sondlo lo unguwe.
- 5 Ingathi noko ngesithatha inyathelo elitsha lokuphuthuma isintu sethu. Sinokukhe sibonise nezinye iintlanga ukuba thina sifudula singabantu ababesaziwa ngesintu esichubekileyo.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi '*Amaqhekezana ethu*' ebhalwe nguN.V. Mkonto, amaphepha 1–5, saza sahlalwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

ISICATSHULWA D

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ngenela ngama-nyathelo amane alula:

1. Yiya kwiBoxer Superstore yakho uze uthenge nokuba yeyiphi iClere lotion/creme neClere Active lotion/creme.
2. Fumana ilomu yokungenela kwimagazini yakho yeBona yamivanje okanye kwiBoxer Superstore yakho ekufutshane uze usixelele KUTHENI UFANELE KI UZUZA UMTSHATO WAMAPHUPHA AKHO.
3. Ncamathelisa isiliphu sakho sasethilini seBoxer Superstore kunye nefoto yalawo uza kutshata naye nikunye.
4. Thumela amanganelo akho ngeposi ku:- Boxer Superstores, PO Box 370, Westville, 3630 okanye utake kwibhokisi yokungenela ekwaBoxer Superstore okufutshane.

Idibene ne-**BONA**

Brought to you by **Clere** Exclusive to: **BOXER**

Clere hand & body lotion
Clere ACTIVE body lotion

[Lo mfanekiso uthatyathwe kwimagazini iBona ka Agasti 2013 iphepha le-159 yaza yahlelwa]


- 3.1 Yimveliso yowuphi umzi le ibhengezwa apha? (1)
- 3.2 Lo mzi uncedisana nayiphi ivenkile kolu khuphiswano? (1)
- 3.3 Nika igama lemagazini epapashe olu khuphiswano. (1)
- 3.4 Olu khuphiswano lujolise kwabaphi abantu? Caphula ibinzana okanye isivakalisi ukuzixhasa. (1)
- 3.5 Yeyiphi imveliso yabantu abangootata kwezi zizotywe apha? (1)
- 3.6 Xa ujonge esi sibini sisemfanekisweni, ingaba le mveliso iyasisebenzela? **Ewe** okanye **Hayi**, uze uzixhase. (1)
- 3.7 Abantu abatshatayo xa bebahle befanelene siye sithi thina maXhosa:
- A lindonga ziwelene
 - B Ooxam bayaphaxulana
 - C Yinyoka nesele
 - D Yinyongo nesibindi (2)
- 3.8 Ngokoluvo lwakho ucinga ukuba le mveliso ngenxa yolu khuphiswano ingatsala abathengi? Zixhase. (2)

[10]

UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI

ISICATSHULWA E

Kha ujongisise okwenzeka kule khathuni ingezantsi wandule ukuphendula imibuzo esekwe kuyo.



[Le khathuni ithatyathwe kwiphephandaba *iDaily Dispatch*, yaza yahlelwa]

- 4.1 Xa umntu esenda, ufumana ntoni umzali ngokwakule khathuni? (1)
- 4.2 Leliphi ilungelo elinyhashwayo lwalo mfundi kuthiwa makaye ekwendeni? (2)
- 4.3 Kha uxele elinye ilungelo olaziyo elijongene nabantwana kweli lizwe. (1)
- 4.4 Xa uphulaphule ezi ntetho zaba bantu ungathi ngabantu abasagcine amasiko okanye baphila kweli xesha langoku? Zixhase. (2)
- 4.5 Guqula le ntetho uyise kwingxelo-ntetho:
Umzabalazi uthi, "Sikhule kunjalo nathi mabaye ekwendeni." (2)
- 4.6 Bhala esi sivakalisi silandelayo ngokukuko:
sikhule kunjalonathi, mabaye ekwendeni. (2)

[10]

UMBUZO 5**ISICATSHULWA F**

Funda lo mhlathana ukule bhokisana ingezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

Kuthe kungedlulanga nyanga zininzi kwavakala ukuba uDavide udumbele ukuzeka. Ubeqhuba kakuhle nasezifundweni zakhe. Nemali kaMariya wayeyinikiwe nguyise ukuba ayibhatale. Bathe xa becinga ukuba nabo mabatshate wathi uyise kufuneka atshate umtshato omkhulu ukwenzela ukuba afeze ibhongo lakhe kuye. Kaloku uNontando wayengaziva ngalo mfana. Umfana ngoku wayesulungekile sekubalwa nje unyaka onesiqhuma ukuba agqibe izifundo zakhe zobugqwetha. Neqela lakhe lentambula lalisekho kunjalo nje lisaqinile kuba kaloku lasinda ekuweni ngeliya xesha. Kwathengwa ooni nooni ukulungiselela umtshato kaDavide noMariya. Yinto le ngoku eyayiseyithakazelelwa macala onke noyise kaMariya wayenikezele eyithanda ngoku le ndlu.

Loo mtshato wawungenyanga kaJuni. Kwamenywa kwaya kumiwa **ngeembombo** zone zeli. Abantu bathontelana ngokwazi uyise womfana, abanye ngokwazi ii 'Mellotones'. Waba sisibhadlalala loo mtshato konwabe wonke umntu kodwa abona bantu babonwabe kakhulu yayinguMbulelo noNontando. Uyise kaNontando wathi xa ebona loo nginginya nolo chulumanco lwabantu abeze ngenxa yenzala yentombi yakhe wavakala thetha yedwa iinyembezi zisihla kweso sidlele sishwabeneyo, "Yehova, Thixo wemikhosi, imisebenzi yakho ingummangaliso. Umkhulu Bawo."

[Sicatshulwe kwincwadi ethi 'Umzi Omtsha' ebhalwe ngu K.S. Bongela, iphepha le-172, saza sahlelwa]

- 5.1 Nika isithethantonye segama elinomgca ngaphantsi kweli binzana lingezantsi:
ukuba afeze ibhongo lakhe kuye. (1)
- 5.2 Xela isigaba sentetho segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi:
Loo mtshato wawungenyanga kaJuni. (1)
- 5.3 Ingaba igama elibhalwe ngqindilili lisityhilela yiphi intsingiselo:
Abantu **bathontelana** ngokwazi uyise womfana
- A Beza bethwethwa
B Beza ngobuninzi babo
C Beza bembalwa kakhulu
D Beza bebonakala ukuba bayarhala (1)
- 5.4 Nika igama ebizwa ngalo inyanga kaJuni ngokwakwaXhosa. (1)

- 5.5 Kwesi sivakalisi singezantsi xela ukuba igama elinomgca ngaphantsi lisetyenziswe njani:

Waba sisibhadlalala loo mtshato konwabe wonke umntu (1)

- 5.6 Xela ukuba igama elinomgca ngaphantsi libonisa ntoni.

Ubeqhuba kakuhle nasezifundweni zakhe (1)

- 5.7 Bhala isivakalisi usebenzisa isenzi 'enza' kwisivakalisi ze sithabathe iinjongosenzi ezimbini ngenxa yoncedo lwesimamva sesixando. (2)

- 5.8 Hlahlela esi sivakalisi silandelayo ukhuphe igatya eliyintloko negatya elayamileyo:

Igatya eliyintloko	
Igatya elayamileyo	

Uyise kaNontando walila xa ebona loo nginginya emzini wakhe.

(2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70